# Dizindaba

## Iphephandaba lesiXhosa

ZIDLE NGESIXHOSA SAKHO

*Issue 348* *15 kuCanzibe (May) 2025 - 28 kuCanzibe (May) 2025*








P.O Box 118 GOODWOOD, 7459 - Tel: 0712123675 / 0783282168 / 084 2639105 - Email: anetta@dizindaba.co.za / dizindabanewspaper@gmail.com





AIP — Dizindaba is a Member — ASSOCIATION OF INDEPENDENT PUBLISHERS

Dizindaba is a Member — Press Council FAIR



**Ixesha elisikiweyo lokutshintsha ikhadi legolide landisiwe ukusuka ngomhla wama-20 kuMatshi ukuya kumhla wama-31 kuMeyi, ngo-2025.**





# ABAHLALI BASEKAPA BAFUNGE BAGOMELA BESITHI AZIYI NDAWO IISPAZA SHOPS ZABEMI BANGAPHANDLE

*Intatheli kaDizindaba*

**KAPA**

Kanye emveni kokuba kuye kwavakala okokuba abombutho u Operation Dudula sele bengene kwi ndawo ezithile apha eNtshona Koloni ukutshuthisa ngokuvalwa kwee spaza shops zabemi bangaphandle, abahlali base Guguletu baye bafunga bagomela besithi oku soze kwenzeke kubo.

Abasemfuthweni wolwazi bekwazazi nee ndaba bathe aba bahlali base Kapa ingakumbi eGuguletu bavakalise okokuba aba bemi bamazwe angaphandle ngabona babonakalise okokuba bona kweli lizwe lo Mzantsi Afrika bakweli ngokuzisa iinkonzo.

Aba bahlali bathi okuye bakuqaphela kokokuba oo somashishini bezi spaza shops zabo bajonge njee ukwenza imali kunokunikeza ngee nkonzo.

Aba bahlali bathi kubanzima ekuseni phaya koo 6 am noo 7 am ukuncedwa kwii spaza shops zabemi beli kuba besarhona abanini bazo. Aba bahlali bathi kubanzima




kakhulu kwabo baphangelayo ekuseni ukuncedwa kwezi spaza shops zabemi beli de ubani anyanzeleke okokuba aye kude kwii venkile zama Somalia wona abe sele evulile kwakusasa.

Omnye woo mama base Section 3 eGuguletu nowalileyo negama lakhe uthe: “Kufuneka belungiselele abantwana besikolo kwakusasa. Uyanyanzeleka ume ukhwaze umnini venkile leyo okokuba avule, kodwa ‘Dololo’. Kodwa wakuya kwezo zabemi bangaphandle ufike sele ikudala benceda,” utshilo lo mama.

Abanye baba bahlali bathi bayakwazi kwa ukuncedwa xa bexakekile bengenamali ze aba bemi bangaphandle babaxozele ntoleyo enzima koo somashishini beli.

Bona abaka Operation Dudula bathe ukuqiniswa komthetho wokuba kweli ngaphandle kwamaphephamvume yeyona nto ezakuba ziphinde zivuka iivenkile ezifana nezo zoo Gasela nabanye phaya eNY 6 zizakubonwa zivulwa kwakhona.

---

**Funda onke amabali ka Dizindaba kwi website yethu engu:(www.dizindaba.co.za), ku Facebook, kwi WhatsApp Channel, okanye uwabukele naku YouTube wethu.**

---

# Ufihlwe ngesidima nesithozela umama uMamiya

*Intatheli kaDizindaba*



Ongasekhoyo umama uNompumelelo Grenva Gcilishe.

**GUGULETU**

Abahlali base Section 3 apha ingakumbi kummandla wezitalato iNY148, 149 kunye NY 147 bavakalise okokuba bona bazibone sele bephantsi kweshwangusha kukushiywa ngumama uMamiya, uNompumelelo Nokulunga Gcilishe. Aba bahlali bebelibethe lama ngee mbambo iholo lase Guguletu Comprehensive.

Inkonzo yomfihlo wale ntombi yaphaya kwi lali yase Rhabhula ku Qoboqobo ibibanjwe phantsi kwe bandla iStep Faith Ministry nkonzo leyo ebiphethwe nguMfundisi uMasekwana. Abaninzi babazili bavakale bemncoma lo Mfundisi ngendlela ebeyiphethe inkqubo yalo mfihlo kuba intshumayelo yakhe ibivuselelela ubuKrestu. Ukanti phakathi kwezithethi ebezinikwe ithuba abommandla wase Section 3 bavakale beyincoma kakhulu inkosazana uStompie Macana noye wayibandakanya indima athe wayidlala umama uMamiya ekudibaniseni abahlali ngemvano nasikukhuliseni nonceda abo bantwana ebebezii ndwadunge.




Dizindaba
Iphephandaba lesiXhosa

HOW TO CONTACT US:

EDITOR
dizindabanewspaper@gmail.com

DISTRIBUTION - 0712123675

ADVERTISING -0842639105
anetta@dizindaba.co.za

JOURNALIST 0842639105
info@dizindaba.co.za

FAX: 086 667 0299

WHATSAPP: 0842639105 / 0712123675

WEBSITE: www.dizindaba.co.za

POSTAL ADDRESS:
No.20 Muscadel Street, Denneburg,
Paarl, 7646

AIP Association of Independent Publishers — Dizindaba Media is a proud member of the Association of Independant Publishers

Press Council FAIR
Dizindaba Media subscribes to the Code of Ethics and Conduct for South African Print and Online Media that prescribes news that is truthful, accurate, fair and balanced. If we don't live up to the Code, please contact the Public Advocate at 011 484 3612, fax: 011 4843619. You can also contact our Case Officer on khanyim@ombudsman.org.za or lodge a complaint on our website: www.presscouncil.org.za

newsclip — Dizindaba Media is monitored by Newsclip

SIYAFUMANEKA KWEZI SOCIAL MEDIA

SUPPORTED BY
mdda MEDIA DEVELOPMENT & DIVERSITY AGENCY

DIZINDABA MEDIA (PTY) LTD IS GRASSROOTS MEMBER OF
ABC GR Grassroots Certified Print Run — RESPONSIBLE ARB MEDIA



ngaba ufuna ukuthunyelelwa u Dizindaba apho ephuma kwidilesi yakho? nceda tsalela kweza kwezinombolo zingezantsi ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe.
Contact: 0842639105
Email: anetta@dizindaba.co.za

LETTERS TO THE EDITOR MUST INCLUDE THE WRITER'S FULL NAME, ADDRESS AND CONTACT NUMBER. LETTERS WILL ONLY BE PUBLISHED ON EDITOR'S APPROVAL. YOU CAN SEND THEM TO: DIZINDABANEWSPAPER@GMAIL.COM

Dizindaba Newspaper is distributed FREE, every week from Thursday of that week in these following areas: Khayelitsha, Old & New Cross Roads, Nyanga, Langa, Mfuleni, Delft, Gugulethu, Strand, Kayamandi, Paarl, Daljosaphat, Mbekweni, Kraaifontein, Worcester, Robertson, Ashton.
Get your copy at train stations, shopping malls, bus & taxi ranks, municipal offices, clinics & schools.

# IINKEDAMA ZISINDE CHEBETSHU EMLILWENI

*Intathel: Monwabisi Khininda*

**LUSIKISIKI**

Basinde ngokulambisa abantwana abahlala bodwa kwikhaya elingenamntu umdala kwilali yakwaZulu, eLusikisiki.

Abantwana abazelwe ngo-2005, 2009 no2010 abaswelekelwa ngabazali bashiyeka bengenamncedi eLusikisiki bavuswe lidangatye lomlilo kanti kutsha ikhaya labo bengaphakathi endlini.

Ukanti ingxelo ithi uthe wakuvuka omnye wabo eyochitha amanzi ngasese wabona indlu imnyama ngumsi ivutha umlilo akabasilibazisa wavusa abanye abantakwabo kanti omnye sele wonganyelwe ngumlilo ezingubeni.

Kube ngamatiletile kucinywa abantwana bezama nokuhlangula usisi wabo omncinci wabe uyasinda.



U-Anoxolo Chefwa osinde esibhedlele emva kokutshiswa ngumlilo.

U-Anoxolo Chefwa oneminyaka elishumi elinesihlanu ngoyena ubelixhoba lokutsha waze wabalekiswa esibhedlele iSt. Elizabeth eLusikisiki nalapho bakwazileyo abezonyango ukusindisa impilo yakhe nangona ebonzakele ngokumanyumnyezi.

Kanti oyena umdala kubo uLindikhaya (20) wancama wayeka isikolo kulonyaka umiyo ngenxa yemeko yekhaya nangenjongo yokukhathalela abantwana bakowabo, kodwa nalapho kunzima impilo ibongamele abantwana bakwa Chefwa kwalili yakwaZulu kuwadi 4 eLusikisiki phantsi komasipala Ingquza Hill.

Ngoku ungafunda uDizindaba nakwi website yethu engu (www.dizindaba.co.za) xa uphosiwe liphepha. Siyafumaneka naku Facebook

# LINCONYIWE IGALELO LABANTU ABADALA E LADY FRERE

*Intatheli: Yonela Mpaka*

**LADY FRERE**

Abantu abadala belali yaku Maqhashu phantsi kwedolophu yase Lady Frere bathe baphekelwa benikwa izipho kwakunye nezetifikethi. Oku kwenziwe ngumasipala iEmalahleni ebambisene nenkampani evelisa izonka. Amasebe karhulumente awuzinasile lomsitho wabantu abadala. Injongo zalomsebenzi wenzelwe abantu abadala kukubulela igalelo labo abalenzileyo ekuhlaleni kuquka nemfundiso zabo nezipho ngokuphekelwa, ngokunikwa izatifiketi zokubulelwa ngegalelo neemfundiso abathe babanazo ekuhlaleni. Obeququzelela lomsitho umnumzana uKing Sambu uthi okona kuphambili kukunika iwonga kubantu abadala nokubavisa kamnandi kuba inxaxheba abayidlalayo inkulu. "Sifuna bonwabe bayazi bahoyekile, sifuna bayeke ukuhlukumezwa baphole xabehleli kumakhaya wabo, nemali zabo abaziphiwa ngurhulumente bangazithathelwa ngabanqevu," utshilo Sambu. Onontlalontle nabo bakuzimasile oku. Ongumntu omdala utata uGidion Mhlola ohlala e Ngqoko uthi kuhle ukubona abantu abatsha besenza umsebenzi omhle oluhlobo beyibona imisebenzi yabantu abadala esithi unqwenela nabanye abantu bazeke mzekweni besenza okuhle ingakumbi ezilalini nokubonakalisa uthando lwezinto abazenzelwa ngabazali babo, esithi bayabulela kuSambu ngomcimbi awenzileyo nondilisekileyo.





Abantu abadala beviswa kamnandi eLady Frere.

# ZIYOKHIWA IBHULORHO KUMASIPALA I DR AB XUMA

*Intatheli: Yonela Mpaka*



Ibhulorho yaku Bulawayo eyokhiwayo kumasipala iDr AB Xuma.

**NGCOBO**

Igqiza elisuka kuMasipala wase Dr AB Xuma phantsi we ofisi ka Mpec lityelele kwibhuloro yaku Bulawayo eyokhiwayo kwilali yase Stholeni. Olutyelelo luza emva kokuba abebhunga begunyazise ukuba makuphunywe kuyojongwa ukuba umsebenzi uyaqhuba na ngaphandle,inkonzo ekufanele ziya ebantwini zizo ngokwenene na. Eli gqiza lityelele kwibhulorho ezokhiwayo kuquka leyo yase Gqaga nebisoloko isematheni kakhulu. Abantwana besikolo bebengakwazi ukuwela ukuya ezikolweni ngenxa yesimo sezibhulorho. Eli gqiza nelikhokhelwe ngu Ceba uSivuyile Mfeki uthi bebezojonga ukuba umsebenzi uqhuba njani na kwanemali echithiweyo iwufanele umsebenzi lona nanjengoko sele ziliqela izinto ezenziwa ngulomasipala ingakumbi kwicala lokuphucula indlela.

# LIGWETYIWE IPOLISA ELADLWENGULA UMMANGALI

**KEI MOUNT**

Ipolisa laseKei Mount elifunyenwe linetyala lokudlwengula ummangali ngomnyaka wama-2022 ligwetywe iminyaka engamashumi amabini lithothoza emjiva. Ligwetywe kwinkundla yaseMonti.

Eli polisa ebelityholwa lalingumcuphi wetyala lokubatha elavulwa ngummangali elivulela indoda awayencuma nayo ngeloxesha. Ummangali wayeyintombazana eneshumi elinesibhozo leminyakaubudala. Ipolisa lalanda ummangali ekhayeni lakhe, lisenza ngathi liqhuba uphando, lamsa kwisikhululo samapolisa ummangali laza lamdlwengula.

Uphando olwenziwa yi-IPID lukhokelele ekubanjweni kwelipolisa laze labekwa ityala lokudlwengula.

# LUSAQHUBA UPHANDO NGOKUGETYENGWA KOMTSHUTSHISI

*Intatheli kaDizindaba*

**MPUMA KAPA**

Amapolisa aseMpuma Kapa athi awukaziwa unobangela wokudutyulwa kubulawe uMtshutshisi obephangela kwinkundla yamatyala yaseNgcobo. Ixhoba uElona Sombulala (30) udutyulwe lwangcol'ungele kwilali yaseMangweni, eMthentu phantsi kwaseBhityi eMthatha, ngoLwesibini weveki ephelileyo.

Okwangoku amapolisa athi akukacaci nokuba ukudutyulwa kwakhe kungqmene nomsebenzi wakhe eNgcobo okanye luhlaselo lwabucala kusini. UBrigadier Nobuntu Gantana othethela amapolisa ephondweni uthi ngokwengxelo uSombulala udutyulwe kufuphi nekhaya lakhe ngethuba ebuya eMthatha. Ubehamba ngenyawo ngethuba ehlaselwa ngumrhanelwa okanye abarhanelwa. Amapolisa athi afumene inxeba elinye entloko, lahlanz'iselwa. Kufunyenwe amakhoba amathathu ompu oluhlobo lwe-9 mmkwindawo yexhwayelo. Nabani ongancedisa ngeenkcukacha ezingakhokhelela ekubanjweni kwababulali uyacelwa aqhagamshelane noWarrant Officer Mlilo ku-0836886571 okanye uCrime Stop Hotline ku-0860010111 kungenjalo uMySAPS Mobile App. Ukanti nalo iGunyabantu Lotshutshiso kuZwelonke (NPA) livakalise ukukhathazeka kukubulawa kwalo Mtshutshisi ozibandakanye nalo ngo-2022. UMqondisi kuTshutshiso loLuntu eMpuma Kapa uBarry Madolo uchaze uSombulala njengomnye wabaTshutshisi abebezinikezele emsebenzini esisicaka sabantu. Udlulise amazwi ovelwano kusapho ngelixesha lokombathwa lilifu elimnyama.

# OYINTANDANE UCEBA UXOLILE KALIPA UZILILE EMVA KOKUSWELEKA KABUHLUNGU



Apha sibona abazili ngethuba bezokukumbula uCeba ongasekhoyo.



Ongasekhoyo uCeba uXolile Kalipa.

STELLENBOSCH

Uluntu lwaseStellenbosch luxinezelekile emva kokusweleka kukaCeba Xolile Kalipa, owadutyulwa waze wabhubha eKayamandi ngobusuku beCawe umhla we-4 kuCanzibe. Kungoku nje iNkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika iphanda iimeko ezingqonge ukubhubha kwakhe.

UCeba uKalipa, iProportional Representation Councillor yeDemocratic Alliance, usebenze njengoSihlalo wePotfoliyo yeeNkonzo zoLuntu kwiKomiti kaSodolophu. Wayehlonitshwe kakhulu ngokuzinikela kwakhe ekuphuculeni ubomi babahlali, ingakumbi abafazi nolutsha.

USodolophu oLawulayo uJeremy Fasser uvakalise intlungu yakhe, echaza uKalipa "njengomsebenzi woluntu ozinikeleyo, ilizwi labo bangenalizwi kunye nentsika yamandla kuluntu lwakhe." Inkonzo yesikhumbuzo ibibanjelwe kwiholo yeDolophu yaseStellenbosch ngomhla wesi-6 kuCanzibe, apho oogxa bakhe, usapho kunye namagosa bebehlangene khona bezokunika imbeko kongasekhoyo.

USomlomo uQuintin Smit kunye no-Manejala kaMasipala uGeraldine Mettler bazibandakanye nosodolophu ekunikezeni imbeko kwindoda ekhunjulwa ngovelwano, ubunkokeli kunye nokuzinikela okunga-gungqiyo kuphuhliso lwentlalontle. Ilifa likaceba uKalipa lokuzincama liza kuqhubeka likhuthaza abo abashiya ngasemva. Uya kukhumbula ngokwenene. Sidlulisa uvelwano olunzulu kusapho lakwaKalipa. Lala ngoxolo, Mthembu.

# THINTELA IINTLOKO EZIBUHLUNGU EBUSIKA NGOKUGCINA IMIBHOBHO YAKHO YAMANZI ESITSHI ICACILE



PAARL

Njengoko ubusika busendleleni, kubalulekile ukuba siqinisekise ukuba imisele yethu yamanzi ococekile eDrakenstein icacile njengoko ukuvala kunokubangela izikhukhula.

Umasipala wase-Drakenstein ubongoza abahlali ukuba bahlukane nokulahla inkunkuma yasekhaya kunye nenkunkuma eqhelekileyo kumanzi esitshi nemibhobho yogutyulo, kwimingxuma emijelweni okanye kwimisele yamanzi emvula.

Le mijelo yamanzi ibalulekile ekuhlanganiseni amanzi amdaka aqhelekileyo esiphango namanzi amdaka, ngakumbi xa ezi zixokelelwano zifumana iimeko zokuqukuqela okuphezulu ngexesha lemvula yasebusika esondela ngokukhawuleza.

Ukuphuphuma kwamanzi esiphango kudla ngokubangelwa kukuvaleleka komgca ongundoqo ngenxa yezinto ezingafunwayo ezishiywe kwenye yemingxuma ephambili yamanzi esitshi okanye imingxuma yokubambisa. Abaphambukeli bahlala belahla izinto kwiindawo ezivulekileyo zikamasipala kunye neziseko zophuhliso; ngoko ke, imiqobo emininzi idla ngokubangelwa zizinto ezinjengeempahla, izihlangu, iibhegi, kwaneendawo zoomatrasi.

Umasipala ke ngoko ucela abahlali ukuba badlale indima yabo ekugcineni imisele yamanzi emvula kunye nemisele icocekile kwinkunkuma nakwinkunkuma ngokubanzi. Siyacela kwakhona ukuba abahlali bangagungxuleli izinto ezingafanelekanga phantsi kwendlu yangasese njengoko oko kunokubangela ukuvaleka kuthungelwano lombhobho ohambisa amanzi amdaka. Izinto ekungamelanga ukuba zigungxulwe phantsi kwizindlu zangasese ziquka ezosula ezimanzi, ifloss, izinto eziyityhefu, iibuttsi zecuba, iiserviettes, amanapkeni omntwana, iipads kunye nee tamponi, iphephandaba, ilaphu nelaphu, kunye nokutya okunamafutha okanye amafutha.

Qinisekisa ukuba iigatha zekhaya lakho kunye nemibhobho esezantsi icocekile kumagqabi kunye nobutyobo ukunqanda imiqobo kunye nezikhukhula, kunye nokunceda ukuhamba kwamanzi esiphango. Kukwabalulekile ukujonga ukuba imisele ivuliwe na ukuthintela izinto ekuthinteleni ukuhamba kwamanzi kwiipropati.

Qinisekisa ukuba zonke iidriveways zakhiwe ngokuchanekileyo (ukuvumela amanzi ukuba ahambe esitratweni kwaye angangeni kwipropati). Qinisekisa ukuba imigangatho yomgangatho ubuncinane yi-100mm kodwa kukhethwa ukuba yi-150mm ngaphezu komgangatho womhlaba kwaye udale izakhiwo zokuqinisekisa ukuba amanzi ayampompoza ukusuka kwindlu/kwizindlu kwipropati.

Sicela abahlali kwakhona ukuba bangalahli inkunkuma, ingakumbi kwindawo ekufutshane nemibhobho yamanzi emvula. Inkqubo esebenzayo necocekileyo ikhokelela kwiimeko ezingcono zokuhlala, imeko-bume enempilo, unciphiso lwezandyondyo, iziseko ezingundoqo eziphuculweyo, nokuphuc-ulwa komgangatho wamanzi kwimijelo yethu yamanzi yendalo. Njengoko ilindle kunye nokuphuphuma kwamanzi eziphango kuthathwa njengengxakeko, nceda uxele oku ngokuthe ngqo ku-080 131 3553 umnxeba wasimahla.

Xela eminye imiba yonikezelo lwenkonzo engxamisekileyo kuMasipala usebenzisa usetyenziso lwethu lweSeeClickFix. Unokukhuphela usetyenziso kwi-iOS okanye i-Android.






DRAKENSTEIN
MUNISIPALITEIT • MUNICIPALITY • UMASIPALA
Paarl | Wellington | Gouda | Saron | Simondium

**ISAZISO SIKAWONKE-WONKE SOKUHLOLA ULUHLU LWUESHUMI ELINANYE LOQINGQO-MAXABISO EZINDLU JIKELELE LIKA 2020 KUNYE NOKUNGENISWA KWEZICHASI**

Esi sisaziso njengoko sibekiwe kwiCandelo 49(1) (a) (i) le Local Government: Municipal Property Rates Act, 2004 (UMthetho Nombholo 6 of 2004), ngokubhekiselwe kulomthetho, okokuba Uluhlu lwueshumi elinanye Loqingqo-maxabiso ezindlu Jikelele livulelekile ekuhlolweni luluntu ngamaxesha omsebenzi kwezindawo zikhankanyiweyo apha ngezantsi ukusukela ngomhla we 8 Meyi 2025 ukuya kumhla we 17 June 2025. Kwakhona, olu luhlu Loqingqo-maxabiso ezindlu liyafumaneka kwi websayithi kamasipala ku **www.drakenstein.gov.za**.

Njengoko kubekiwe kwiCandelo 49(1)(a)(ii) loMthetho, nawuphi umnini wendlu okanye umntu ofuna ukungenisa isichasi kulamaxabiso axeliweyo apha okanye amaxabiso angafakwanga apha kuluhlu, angasibhekisa kuManenjala wesixeko ukusuka kumhla we 8 Meyi 2025 ukuya kumhla we 17 June 2025. Ifomu ezimiselweyo zokungenisa izichasi ziyafumaneka kwezindawo zixeliweyo apha ngezantsi nakule websayithi ingentla.

Izichasi zingangeniswa kuphela kwezizindlu zibekiweyo kolu luhlu lwueshumi elinanye loqingqo-maxabiso ezindlu Jikelele. Abanini bezindlu bokwaziswa ngamaxabiso azo ngembalelwano kwidilesi ekuluhlu lwakwamasipala.

Ingqwalasela inikezwa ngakumbi kumba obekiweyo kwiCandelo 50(2) loMthetho okokuba isichasi esingqamene necandelwana 50(1)(c) laloMthetho, kufanele singqamane nendlu leyo ethile hayi kuluhlu lwamaxabiso luphela. Nceda qwalasela okokuba ifomu yesichasi mayigcwaliswe ngendlu nganye.

Ifomu yesichaso egqityiweyo ingangeniswa ngesandla kwezindawo zezichaso zibekiweyo apha ngezantsi okanye zithunyelwe ngeposi ku: Drakenstein Municipality, For Attention: Valuation Section, P O Box 1, Paarl, 7620 okanye nge emeyileku: **valuation@drakenstein.gov.za**

**Iindawo zezichaso:**
Drakenstein Municipal Offices, Civic Centre, Berg River Boulevard, Paarl.
Drakenstein Customer Care Centre, Mbekweni
Drakenstein Municipal Offices, Civic Centre, Pentz Street, Wellington
Drakenstein Municipal Offices, Gouda
Drakenstein Municipal Offices, Saron

**Nceda uqaphele ukuba, umhla wokuvala wokungeniswa kwezichaso ngowe 17 June 2025 kwaye akukho naphantsi kweziphi na iimeko ziya kwamkelwa izichaso emva kwexesha.** Ukuba unemibuzo nceda udibane no Mnu.I Fortuin (021 807 4534) okanye Mnu. M Y Gaidien (021 807 4792) kunye no Mnu. J Lawrence (021 807 4825).

**GQ JH LEIBBRANDT**
**UMANEJALA WESIXEKO**
**Dizindaba – 08 May 2025**

# USUKU PHAMBI KOSUKU LOOMAMA

*Intatheli: Ntsikelelo Jonga*



KAPA

Eli liqela looMama nelisebenza kwiziko lemfundo ephakamileyo i-University of Cape Town. Kungosuku apho bathe babhiyozela usuku looMama ngokuthi badibane bedlala umdlalo we netball. Oku kudlala kuhambisana nokuzikhumbuza ubutsha babo kwanendlela yokuzilolonga umzimba.

# ISEBE LIFUNA IZIHLOBO ZIYOFANISA IMIZIMBA

*Intatheli: Monwabisi Khininda*

LUSIKISIKI

Basinde ngokulambisa abantwana abahlala bodwa kwikhaya elingenamntu umdala kwilali yakwaZulu, eLusikisiki. Abantwana abazelwe ngo-2005,2009 no2010 abaswelekelwa ngabazali bashiyeka bengenamncedi eLusikisiki bavuswe lidangatye lomlilo kanti kutsha ikhaya labo bengaphakathi endlini.

Ukanti ingxelo ithi uthe wakuvuka omnye wabo eyochitha amanzi ngasese wabona indlu imnyama ngumsi ivutha umlilo akabasilibazisa wavusa abanye abantakwabo kanti omnye sele wonganyelwe ngumlilo ezingubeni. Kube ngamatiletile kucinywa abantwana bezama nokuhlangula usisi wabo omncinci wabe uyasinda.

U-Anoxolo Chefwa oneminyaka elishumi elinesihlanu ngoyena ubelixhoba lokutsha waze wabalekiswa esibhedlele iSt. Elizabeth eLusikisiki nalapho bakwazileyo abezonyango ukusindisa impilo yakhe nangona ebonzakele ngokumanyumnyezi.

Kanti oyena umdala kubo uLindikhaya (20) wancama wayeka isikolo kulonyaka umiyo ngenxa yemeko yekhaya nangenjongo yokukhathalela abantwana bakowabo, kodwa nalapho kunzima impilo ibongamele abantwana bakwa Chefwa kwalili yakwaZulu kuwadi 4 eLusikisiki phantsi komasipala Ingquza Hill.

# UMAMPANE UTHI WAYEKHUSELA UBOMI BAKHE




Abafundi baseWSU nezihlobo zabafundi abadutyulwayo kuqhankqalazo olwaluqhubeka kweli ziko liseNelson Mandela Driva eMthatha.

MTHATHA

UMampane utyhilele inkundla ngokwenzeka ngaphambi kodubulo e-WSU. "Nantsi le nja inguMampane, khaba ucango singene." La ngamazwi athi umrhanelwa kwityala lokudutyulwa kwabafundi eWalter Sisulu eMthatha, uManelisi Mampane athethwa ligquba labantu ababezogqume ubuso ngethuba eyohlaselwa ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2025.

UMamapane ebenika ubungqina enkundleni yamatyala kwiveki ephelileyo ngethuba kuqhuba isicelo sakhe sebheyile.

INkundla ixelelwe liGqwetha lakhe uMncedisi Nombambela ukuba umpu kaMampane ngokayise ongasekhoyo kwaye unencwadi zawo, Uxelele inkundla ngokwenzekayo ngaphambi kodubulo olwashiya kubhubhe uSisonke Mbolekwa (24) owayengumfundi kweli ziko kwaze konzakala abanye abafundi.

"Ndandilele endlini ekuseni ngethuba kuvakala ingxolo phandle. Umfazi wayokroba wabuya wandixelela ukuba kukho abantu abandifunayo abazogqume ubuso. Ndavuka ndayokroba ndabona abantu abazogqume ubuso abangamadoda odwa, omnye wayephethe itayala lemoto," kutsho uMampane.

Uqhube wathi lamadoda akhaba ucango wabaleka waya kwigumbi lokulala eyothatha umpu. Uthe ngethuba ebuya lwavuleka ucango. Uthi injongo yayikubothusa babaleke kodwa imeko yayingavumi.

Wadubula ehlangula yena nosapho lwakhe kuhlaselo. Uxelele inkundla ukuba isithuthi sakhe satshiswa kukho abantwana ngaphakathi. Bahlangulwa ngomnye umntu kweliqela nangona kwakukho ababesithi mabayekwe batshele emotweni abantwana.

UMampane uxolisile kwiintsapho zabantu abachaphazelekileyo esithi ukuba wayengadubulanga ngewayebhubhile. Ebuzwa liGqwetha lakhe ukuba iyaxoleleka kusini na imeko adubule phantsi kwayo. Uthe: "Nangona ndingawazi umthetho kodwa inkundla mayijonge imeko yam ngethuba ndihlaselwa." Othethela iintsapho zabafundi uNcedo Kolanisi uthe: "Akukho mntu owakhaba ucango lwendlu, akukho nto yayophukile,abafundi babeye ngoxolo ku-Mampane. Bobuphi obubomi bakhe babusengozini? Kutheni exolisa kanti wayezikhusela? Amabango akhe abubuxoki." Elityala lisaqhuba enkundleni kaMantyi eMthatha.

# UMBUTHO WABANINI TAXI U-BLOEWATA UNIKELE NGENKXASO MALI EYI- R15. 500 KU-ANATHI DYANTYI

*Intatheli: Ntsikelelo Jonga*

KRAAIFONTEIN

U-Anathi Dyantyi yintwazana eminyaka ili-18 ethanda kwaye idlala umdlalo wesoka. Le ntwazana yathi yatyunjwa yi-BT Academy ukuba iye kudlala eSpain ku-July walo-nyaka esiya ukuya kumela uMzantsi Afrika.

Ukuhlangabezana neendleko zohambo, umbutho u-Bloewata uye wanikela ngenkxaso mali eyi-R15.500 kule ntwazana.

Ukanti ke, ngaphambili koku, lo mbutho ukhe wanikela ngezihlangu zesikolo kwezinye zezikolo ezilapha eKraaifontein. Ukwancedisile ngokuthi wakhele usapho olwalutshelwe yindlu yalo phaya eWallacedene. Waphinda wafaka isandla ukuxhasa umngcwabo welungu losapho eBloekombos ngokuthi uxhase ngesixa mali esiyi-R8.000.




Uku

# UZIBEKE PHANTSI INTAMBO EMVA KOKUSEBENZA NZIMA

*Intatheli: Yonela Mpaka*

NGCOBO

Bekubanjwe umsitho wokuthi Ndlelantle kuCaptain wamapolisa ase Ngcobo u Lindile Sigcu noyinzalelwane yase Mnyolo phantsi komasipala i Dr AB Xum. U-Captain Sigcu uxelenge kwisikhululo samapolisa iminyaka engamashumi amathutha anesihlanu, yena eggiba amashumi anesithandathu ubudala.

Loka Sigcu ulwe kakhulu ngelaxesha kwakukho isithwakumbe sokudutyulwa kwamapolisa eNgcobo.

Esisiqu naye akakulubali oko. Ogxabakhe abasebenze naye nezalamane zimchaze njengomntu ebewuthanda umsebenzi wakhe lomfo.

U-Colonel uthi lomfo ngumntu ebebaxabisile abantu ehlonipha. "Sisebenze naye kakhulu iminyaka, akusiphathi kakuhle ukuhamba kwakhe nangona ixesha lokubeka intambo lifikile, indawo yakhe izakucaca nanjengoko ebeqinisekisa ukuba umsebenzi uyenzeka ngendlela efanelekileyo, sithi nakwabanye abasebenzi ingase bazeke mzekweni," utshilo uColonel.

Usapho lwakhe beluthe nqwadalala lumamele kuthethwa kamandi ngeliqhawe. UCaptein Sigcu uthi ukwenzelwa itheko elihle kangaka yinto angakhange ayicinge tu kwaphela uyabulela kakhulu kubantu bonke. "Owam umsebenzi ndiwugqibile ngoku ndiyokuzipholela ekhayeni lam kuba bekungekho lula kulenkonzo yesipolisa kodwa ndikwazile ukuphuma ndisaphila, ndibulela nenxaso yabantu abebesoloko bendikhuthaza minyaka le nam ndiyazincoma ndisebenzile," utshilo u Captein Lindile Sigcu wamapolisa ase Ngcobo.



UCaptain Sigcu kwitheko lomhlalaphantsi wakhe.








Terms, conditions, earn rules and limits apply.
First National Bank A division of FirstRand Bank Limited. An Authorised Financial Services and Credit Provider (NCRCP20).

# ABAWUVALI UMLOMO NGESISA ABASENZELWE KULE TAXI

*Intatheli: Ntsikelelo Jonga*




**KRAAIFONTEIN**

Ngomhla wosuku looMama, kwitaxi ebisuka eBellville isiya eKraaifontein, ooMama ebebekhwele kuyo bazibone befumana isipho sokungabhatali kuyo.

Oku kwenzeke emveni kokuba ootata ebebekhwele kule taxi kuquka nomqhubi wayo, baye bagqiba kwelokuba bababhatalele bonke ooMama ebebekule taxi, oko bekwenza njengesipho kooMama kusuku lwabo.

Bakwathi, oku kukubuyisa isiNtu kwanokunika intlonipho, imbeko nothando kubantu abangooMama.

Kwizinto ezininzi ezenzekayo eziquka ukuphathwa kakubi nokudlwengulwa kooMama, esi senzo basichaze njengesinokudala uxolo, nobambiswano ingakumbi xa sinokunwenwa okomlilo wedobo.

Batsho bememelela nakubanye ootata ukuba bazeke mzekweni ngokuthi balijoyine eli phulo.

# UQEQESHO LWABASEBENZI BAKAMASIPALA, ABANINI BAMASHISHINI AMANCINCI KUNYE NOLUTSHA OLUNGAPHANGELIYO LUTHATHA ABANTU BETHU BABASE ECHINA

**WORCESTER**

Abanini bamashishini abancinci abalishumi kunye nabafundi abavela kummandla kaMasipala waseBreede Valley basendleleni eya eTshayina njengenxalenye yentsebenziswano yeBRICS kunye nezixeko ezisebenzisanayo phakathi koMzantsi Afrika neChina. Kangangeenyanga ezintandathu baya kuhlala ekholejini apho baya kufunda khona, uqeqesho olusebenzayo nokutyelela amashishini awahlukeneyo, iimyuziyam, kunye nezinye izinto zenkcubeko.

Eli phulo lasungulwa yi-LGSETA, ngoncedo oluvela kwi-CHINESE CULTURE & INTERNATIONAL EDUCATION EXCHANGE CENTRE (CCIEC), ekhethe i-9 (1 kwiphondo ngalinye) iizixeko ezifanelekileyo nezinikeleyo kunye noomasipala eMzantsi Afrika ukuba bathathe inxaxheba.

Iinjongo zolu Phuhliso lukaMasipala kukuphucula ulawulo lukamasipala, ukuphuhlisa amashishini asekhaya, ukukhusela utyalo-mali kumazwe ngamazwe, ukudala amathuba emisebenzi, ukuvuselela ushishino lolutsha, ukutshintshiselana ngemiba yokhenketho kunye nenkcubeko, nokuphuhlisa iindawo zasemaphandleni.

Imigaqo esebenzayo kubanini bamashishini amancinci ukuba bathathe inxaxheba kule projekthi, zezi:

- Ngaphantsi kweminyaka engama-35 ubudala.
- Yiba neshishini elibhalisiweyo nelirhwebayo.
- Amava okuqhuba ishishini lakho.
- Phuhlisa isicwangciso soshishino esinabileyo nesisemgangathweni sokulandelwa eChina.

I-BVM ithethe nabathathu abagqatswa abanethamsanqa kodwa abakhutheleyo abasele besendleleni eya eTshayina njengoko kubhalwa oku. Bobathathu ngoku bangoosomashishini abancinci kummandla kamasipala kwaye bobathathu bachulumancile kukufunda ngakumbi ngeli thuba.

UAbongile Madlolo yingqonyela yenkampani yokwakha ebizwa ngokuba yiOzen eDe Doorns. USteven Jenkins ungumnikazi weDream Knowledge, i-IT-company eZwelethemba, ejongene nokulungiswa kweekhompyutha. Okokugqibela kukho uLwandile Mlanjeni, ongumnikazi weZweZwe Cleaning Services Pty (Ltd).



NgokukaSteven, uza kubamba eli thuba ngezandla zombini kunye nengqondo evulekileyo. Ufuna ukufunda konke anako kwaye uvulele kuwo nawaphi na amava amatsha anokuwafumana eTshayina. Ngokuqinisekileyo uSteven uyalazi ithuba elihle xa ebona elinye - ebethatha inxaxheba kwiindibano zocweyo kunye nemisitho ye-BVM kwaye uhlala ezikhulisa ngezifundo ezahlukeneyo. Ukwangumfundi wangaphambili wase-UNISA.

ULwandile ungumfundi kwaye ungumnikazi weshishini. KwaZweZwe yena nomhlobo wakhe bacoca iikhaphethi, izinto zokuhombisa, nezinye izinto ezahlukeneyo. Uthi: “Sinazo iindawo esisebenzela kuzo kodwa zikwahamba kwaye siza kuya apho abathengi bafuna siye khona. Xa ebuzwa ukuba ulithengisa njani ishishini lakhe, uthe: “Sinobukho obugcweleyo kwimithombo yeendaba zentlalo apho sizithengisa khona iinkonzo zethu.”

I-BVM inqwenelela aba bafana bathathu kunye neqela lonke okuhle kodwa kuhambo lwabo kunye nokuhlala iinyanga ezintandathu. Ngamana ungafunda izinto ezininzi, uphuhlise amandla akho, ufezekise izinto ezimangalisayo, kwaye wonwabele amava! Ibon voyage!

# WAGQIBA UKWENZA IZIFUNDO ZOKUHLOHLA KODWA AKAZANGE WAWUFUMANA UMSEBENZI

*Intatheli: Ntsikelelo Jongo*




UMphathiswa we

**KRAAIFONTEIN**

UNksz Lindiwe Fani wazenza izifundo zokuba ngutitshalakazi waziphumelela wagqiba ngonyaka u-2016, kodwa kunanamhla akazange wawufumana umsebenzi wamaphupho wakhe.

Uchaza athi emveni kokuba egqibile ukufunda, wenze okwenziwayo kokuba afake izicelo zomsebenzi lo awufundeleyo, kodwa oko akukhange kube yimpumelelo kude kube namhlanje. Ekuzameni kwakhe, ukhe wancama wayokwenza uqeqesho lokuba ngunogada (security), nalapho aphangele nje ixeshana elincinci kwaphela isivumelwano zomsebenzi.

Kungoku nje uyichaze imeko aphantsi kwayo njengemeko eluxinezelo lwasengqondweni kwaye akaphangeli. Uthi kodwa akafuni ukunikezela kuba njengangoku selefuna ukuba ancedise ebantwaneni emveni kwezifundo (after class tutorial) ukuze abe nako ukubeka into etafileni.

# ‘IZANDLA ZAM YIGOLIDE LAM’ – THE HEART OF MBEKWENI’S NCEDISIZWE CENTRE





**MBEKWENI (PAARL)**

EMbekweni, indawo apho amandla kunye iinjongo zidibene, zikaMama uMirriam Toni ibali lelinye lokomelela, ububalo, kunye namandla oluntu. Uhambo lwakhe aluchazwanga ngu ubunzima bodwa, kodwa ngokuguqula umsebenzi awenzileyo ukulungisa ubomi kunye bakhuthaze abanye.

Ukususela ebuntwaneni, uMirriam uye wathandwa iimfuno zabo bamngqongileyo. Wabelana ngantoni incinci awayenayo - iimpahla, izihlangu kunye nokutya - kunye abantwana abangenabo. “Ndandisoloko ndipha,” uyakhumbula. Lo moya wesisa wawukhokelwa ngesiprofeto esathethwayo ngaye, esithi: “Lo mntwana uya ube likhusi labantu.” Loo mbono wawuya kuqhubeka ukulungisa umsebenzi wakhe wobomi.

Namhlanje, uMirriam yintliziyo yeNcedisizwe Iziko eMbekweni, eliqhutywa ngabahlali inyathelo eligxile ekubonelelelni ngezakhono zokusebenza, inkathalo kunye nokuxhotyiswa. Ngewelding, ubugcisa be-mosaic, ukuthunga, kunye nokuthengiswa kweepopcorn, yena udale amathuba abuyisela isidima kwaye uncede abantu ngabanye ukuba bakhe ukuzimela. Vula ngeempelaveki, uMirriam uqhuba iShisanyama ukuxhasa ngemali iimfuno zemihla ngemihla zeziko, ukuqinisekisa ukuba yonke into ukutya okuphakiweyo kunceda umntwana osweleyo.

Enye yezona zinto azidlayo aziphumeleleyo kuku Ncedisizwe All Stars, iqela lakhe lebhola ekhatywayo, eli igcina abantwana bekhuthele kwaye bekhuthazekile. Xa iqela lavalwa iminyaka emithathu ngenxa yeflethi ibhola, akazange anikezele.

“Ndathi kumakhwenkwe, ‘Yonke into ‘Izandla Zam Ngaba igolide lam’ – Intliziyo yaseMbekweni Ncedisizwe Iziko umntwana yinkwenkwezi. Uyakhazimla apho ukhoyo eMzantsi Afrika.”

Esi sifundo sokuqina sisisiseko kwimishini yeziko.

Umzuzu obalulekileyo wafika ngo-2011 xa uMirriam yamkelwa nguClover Mama Afrika Thembela. Ukhuthazo lwabo lwamkhokelela ekubeni aphumelele ukuthunga kunye nokuwelda. “Ndandingoyena mfundi ubalaseleyo kwiiveki nje ezimbini,” utsho njalo wamnika kungekuphela nje izakhono, kodwa nokuzithemba ukuphupha likhulu kwakhona.

Into ayifunayo ngoku ayilovelwano, kodwa inkxaso kunye nentsebenziswano. Ngokubonakala okufanelekileyo kunye nezibonelelo, iZiko laseNcedisizwe linazo ukubanakho ukuba ngumntu ophumelelayo, ozixhasayo indawo yophuhliso eMbekweni. UMirriam nguye ukulungele ukuthabatha inyathelo elilandelayo, yaye uyakulangazelela usebenzisana nabo babelana ngombono wakhe.

“Isipho sakho yigolide yakho. Sebenzise ukwakha ikamva.” Ukuba unomdla wokuxhasa okanye ukusebenzisana kunye noMirriam, nceda uqhagamshelane naye ngqo 0727389274. Sikunye, singanceda i Iziko laseNcedisizwe liyakhula kwaye liqhubeleka yenza umahlukoo nentsingiselo kwi Uluntu lwaseDrakenstein.

# LICHITHIWE ITYALA LIKAMVIMBI

*Intatheli: Monwabisi Khininda*

**HALA**

Uphume etshaya uNokuzola Mvimbi welali yakwaHala eCacadu, eMalahleni. UMvimbi ebejamelene netyala lokubetha ngenjongo zokonzakalisa indoda erhanelwa ngokudlwengu-la umntwana wakhe ophila nenkubazeko.

INkulumbuso yephondo uOscar Mabuyane, uMphathiswa wesebe loPhuhliso loLuntu uBukiwe Fanta, amanina we-ANC Women's League namqabane alombutho.




UOscar Mabuyane oyiNkulumbuso ebulisa amalungu wombutho wabantu abaphila nenkubazeko eCacadu.

Uluntu lwaseChris Hani beluthetha ngazwi linye lusithi ummangalelwa ongunina wexhoba elinguKhayakazi makakhutshwe kucinywe kwa ityala nanjengoko wayekhusela usana lwakhe kwisibhovubhovu sesidlwengu.

INkulumbuso uMabuyane uthi akuxhaswa ukuthathela umthetho ezandleni kodwa uMvimbi othe waligorhakazi elikhusela umntwana wakhe kwaye bayamxhasa.

Kanti uMphathiswa wesebe loPhuhliso loLuntu uBukiwe Fanta uthi bakunye nomama wexhoba kwaye konke oku bekungelula. USodolophu waseMalahleni uKhansela Ntombizanele Koni uthi bayabulela kuluntu oluthe lwaphuma ngobuninzi ukuzonika inkxaso kummangalelwa nakwixhoba.

Abantu abasuka kumbutho wabantu abakhubazekileyo bebekhona ukuzonika inkxaso. Ibengamayeyeye emikhwazo yovuyo nemincili lakuba lichithiwe elityala.







# UBANJIWE OWABULALA ABANTU ABATHATHU NGOKUTSHISA IGALI



UVuyani Langaman owabulala abantu abathathu ngokubatshisa negali waze wazama ukuzitshisa naye usenkundleni yamatyala eMdantsane.

**MDANTSANE**

UVuyani Langman oneminyaka engamashumi amathathu anesihlanu (35) ubudala otyholwa ngokutshisa usapho lakwaMzendane uye wavela kwiNkundla kaMatyi eMdantsane. Abantu abathathu bosapho lakwaMzendane batshela ngaphakathi eGalini.

Umntwana oneminyaka emihlanu (5), umakhulu oneminyaka engamashumi amahlanu anethoba (59) kunye nentombi yelikhaya ebincuma nalendoda, intombi le ineminyaka engamashumi amathathu anesithathu batsha babhubha.

ULangman naye usinde cebetshu ngethuba efuna ukuzitshisa naye kodwa uye woyisakala esazitshisa ngenxa yeentlungu zomlilo.

Uzakubuyela enkundleni kule veki ukuze afake isicelo sebheyile ngokusesikweni. IGunyabantu leZotshutshiso lithe lizoyichasa ibheyile.

# UMSHICILELI WEPHEPHA-MVUME LOKUQHUBA UMISIWE, UKUKHUTSHWA KWAMAKHADI KUNYE NAMAPHEPHA-MVUME KUQALISE KWAKHONA

*Intatheli kaDizindaba*

**NTSHONA KOLONI**

ISebe lezoThutho likaZwelonke liqinisekisile ukuba umatshini wokushicilela amakhadi welayisensi yokuqhuba eMzantsi Afrika kuphela oye walungiswa kwaye ubuyela ekusebenzeni.

Olu phuhliso luzisa isiqabu esifuneka kakhulu kubahlali baseDrakenstein abamalunga nama-7 000 abalinde amakhadi abo eempepha-mvume zokuqhuba kunye neePhepha-mvume zokuqhuba i-Public Driving ukususela ekuqaleni konyaka.

Akukho makhadi okanye amaphepha-mvume akhutshiweyo ngeli xesha ngenxa yokonakala komatshini, obekwe kwiAkhawunti yeKhadi leLayisensi yokuQhuba yeSebe (i-DLCA) ePitoli.

I-DLCA, iziko leSebe lezoThutho, inoxanduva lokujonga zonke izicelo zamakhadi ephepha-mvume lokuqhuba kuzwelonke.
Ukukhawulelana nokukhula kokusilela, iSebe landise iiyure zokusebenza zabasebenzi be-DLCA laza lazibophelela ngokukhupha uhlaziyo lwenkqubela rhoqo.


Kusenjalo, uMasipala waseDrakenstein ukhumbuze abafaki-zicelo ukuba, phantsi kweNational Road Traffic Act, ikhadi lelayisenisi yokuqhuba eliphelelwe lixesha lihlala lisemthethweni kangangeenyanga ezintathu ukuba isicelo sohlaziyo sifakwe




phambi komhla wokuphelelwa.

Abafaki-zicelo kufuneka baphathe zombini ikhadi eliphelelwe lixesha kunye nobungqina bentlawulo.
Ukuba ulibaziseko ludlulela ngaphaya kwexesha leenyanga ezintathu zoxolelo, abahlali banokufaka isicelo sephepha-mvume lokuqhuba lexeshana, elixabisa ama-R45 kwaye lisebenza iinyanga ezintandathu okanye de likhutshwe ikhadi elitsha.

*Kumbulani balesi singathanda ukuva uluvo lwenu ngokuqhubekayo ekuhlaleni nee. Thumela uluvo lwakho ku Whatsapp wethu: 0712123675 / 0842639105*




**LWAZI ULWIMI LWAKHO!**

Eyona njongo yeliphephandaba uDizndaba kukubuyisela esimeni salo ulwimi lwesiXhosa njengoko wonke umntu esazi okokuba siyafa isiXhosa sethu sibulawa sithi kunye neelwimi zangaphandle.

Ukuzama ukuphuhlisa isiXhosa siza kuncediswa nguwe mfundi ngoku bonakalisa ulwazi lwakho ngolu lwimi lumnandi kangaka ngokuthi uphendule le mibuzo elandelayo.

Wothi uyibhale impendulo yakho uchaze ukuba uphendula umbuzo wawuphi umhla wokuphuma kwephepha.

Thumela impendulo ngo 'WhatsApp' kwa 0712123675 / 0842639105 okanye i-email kwa: info@dizindaba.co.za

Nantsi Imibuzo:
1) "Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa yi Mamalati Le"
2) "Ukhawuleze waphothula kungekasengwa"

"Khawuzathuze uchaze intsusamabandla yezi saci"

# LIYAQHUBA ITYALA LEJAJI ETYHOLWA NGESINCWASO YINTATHELI YEKHWEZI



OyiJaji eyiNtloko eMpuma Kapa uSelby Mbenenge ujamelene netyala lesincwaso.

**MPUMA KAPA**

Lizakuqhuba kude kubengumhla we-16 kuCanzibe ityala leJjai eyiNtloko eMpuma Kapa uJudge Mbenenge. Nanjengoko kwakutshiwo kwantlandlolo ukuba omangeleyo uAndiswa Mengo uzakuba nguye kuphela ingqina kwicala lakhe, xa libuyela enkundleni elityala kuzakuqaliswa ukumanyelwa kobungqina kwicala likaMbenenge. Kwelityala kufakwe ubungqina nguGqirha Docrat oyingcaphephe yolwimi olusetyenziswa ezinkundleni sonxibelelwano.

UGqirha Docrat uthi kuphando lwakhe ufumanise ukuba kutshintshiselwano lwencoko phakathi kukaAndiswa Mengo kunye noJaji Mbenenge kwaqalwa ngembeko nangobuchule obuyelelene nomsebenzi, kodwa yafikelela ekuthunyelweni kwee-emojis (onodolana abancinci) ezisetyenziswa kwimiyalezo eyoyamene nesondo kunye nothando.

IGqwetha likaJaji Mbenenge uAdvocate G. Madonsela uthi akaziphikisi iziqinisekiso kunye nobuchule bukaDocrat kodwa bayabuphikisa ubuchule bakhe kwi-emojis. Kuyakutsala umdla eluntwini ukuva icala likaMbenenge kweli tyala, kuthathelwa ingqalelo iinkcukacha ezibanzi ngobungqina kubaMengo obothulwayo kule nkundla.

# ABAHLALI BADINGA INKXASO YOKUYA ETYALENI

*Intatheli kaDizindaba*

**RHINI**

Ligqithiselwe kwinkundla yaseRhini eMakhanda ityala lokubulawa kukaAnita Gigaba owadlwengulwa waze wabulawa umzimba wakhe watshiswa ngokungenalusini.

Eli tyala liqale kwinkundla kaMantyi kwidolophu yase-Indwe. Abahlali base Indwe bathi nakwelityeli basame nosapho lukaGigaba bazakulinika inkxaso engahexiyo.

Eli tyala lizakuxoxwa kuleveki imiyo. Abahlali bamemelela uMsamariya olungileyo ukuba abancedise ngokwetha ipetrol ukuya eRhini nezinye izinto abazidingayo.

Omnye wamatshantliziyo ase-Indwe uMandla Cetywayo wakwa wadi-15 kwilokishi yaseMavuya uthi bengabahlali yabasisibhambathiso sokuba baxhase olusapho de libe liyaphethwa eli tyala, nanjengoko bengahambisani nokubulawa kwamanina nabantwana. Bakwathi abazukwazi ukuya kwezintsuku zonke nanjengoko bengenzo iintsiba.

# KUPHANGWE AMARHAMENTE EGQEBERHA

*Intatheli: Monwabisi Khininda*

**GQEBERHA**

"Eli lixesha lomgwebo" Babhalile abantu kumakhasi onxibelelwano bengqinelana ngokuba sikwixesha lesiphelo. Baphawule ngelithi icawe yindawo ehloniphekileyo.

Oku kulandela ukuphangwa kwamarhamente ngoonqevu boonqalintloko abangenabantu.

Ngokwengxelo yamapolisa ngoMvulo weveki ephelileyo izijamankungwini zezijem-jem zabaphangi abahlanu zimbonzeleke kwiCawe eseGreenfields eGqeberha malunga necala emva kwentsimbi yesithandathu ngorhatya lwemivundla.

Abantu bevangeli kaThixo baphangwe iminxeba ephathwayo, nezinye izinto zexabiso ezifana neephesi, izipaji iiwoshi namajikazi yakugqiba le migulukudu yabaleka ngesithuthi sikaMfundisi.

Ngokwengxelo kaKapteni Andre Beegte othethe wenjenje: "Siyangqina ukuba esi sihelegu senzekile kwaye sicela nabani na onokuncedisa abakwantsasana ukuze kufunyanwe ababenzi bobubi adibane nepolisa uLouw kule nombolo: 0715700628 okanye atsalele umnxeba ku-0860010111.

# UPHINDE WABANJWA UMVANGELI OMOTOSO

*Intatheli: Monwabisi Khininda*



UMvangeli u Omotoso uphinde wabanjwa.

**GQEBERHA**

Ukubanjwa kuka Omotoso akunxulumananga namatyala abejongene nawo waze wakhululwa kuba inkundla imfumanise engenatyala.

UMkomishinala wamapolisa kuzwelonke uFannie Masemola uqinisekise ukubanjwa koMvangeli uTimoty Omotoso eMonti, kwiveki ephelileyo, ukuba akunanto yakwenza namatyala angaphaya kwamashumi amathathu anesibhozo awaphuma engqawuza emva kokuchitha iminyaka esibhozo exoxa eseluvalelweni.

U-Omotoso wakhululwa kuwo onke amatyala aquka ukudlwengula, ukhuxhaphaza ngokwesondo, kunye nokurhweba ngabantu ngokungekho mthethweni ngo-Apreli walo nyaka.

UMasemola uthe u-Omotoso uza kuvela enkundleni kuleveki. "Ngale ntsasa ngentsimbi ye-05.00 eMonti amalungu esebe lezeKhaya, abahloli bokufika ekunye namapolisa oMzantsi Afrika abambe uOmotoso edolophini kanye emva kwenkonzo.

Uza kujongana nezityholo ezoyamene nokwaphula umthetho wokufudukela kwelinye ilizwe kwaye uzakuvela enkundleni kungekudala."

Dizindaba
Mlesi singathanda ukuva uluvo lweni ngamabali ethu: WhatsApp us on 0712123675 / 0842639105

## IINDUMISO 27:1 - NguYehova umkhanyiseli wam nomsindisi wam, ndiya koyika bani na?















**Morning Dew Daily Guide**

**Topic: Partakers of the Tree of Life**

**Scripture:** Revelation 22:2 coursing down the center of the main street. On each side of the river grew a tree of life, bearing twelve crops of fruit, with a fresh crop each month. The leaves were used for medicine to heal the nations.

Welcome to Morning Dew! Your Christocentric truth that reflects your true identity in Christ Jesus. God is raising true partakers!

**THE TREE OF LIFE!**

Christ Jesus is the tree of life! Through this life, we manifest godly characters, which is the divine nature of God.

**Key Points**

1.Jesus Christ is the Tree of Life: The source of eternal life.
2.Partaking in Eternal Life: Through Christ, we become partakers of the tree of life.
3.Godly Characters: The life in Christ forms godly characters in us.

**Application**

Let your light shine! Your brightness is the godly character formed through Christ. Be confident of who you are in Christ Jesus. None can have this life outside Christ, except you are born again into the family of God before tree of life can bear fruits in you and through you. Shalom!

**Prayer Point**


Heavenly Father, thank you for giving me life in Christ Jesus.

**Quote**

"The tree of life has victory over sin and death."

**Join Us: CENTURY GLOBAL PRAYER NETWORK, 05h30-06h00, 13h00-13h30 & 21h30- 22h00 on Telegram!! Telegram - https://t.me/=cKdTlPf8hjg3YTNk**

**By Prophet Dr. Stephen Ministry - GOD'S ARMY TABERNACLE**


If you are in Paarl, contact us on 0842639105.

**Inani lempatho gadalala lonyuke ngamandla.**

**Report any GBV at your nearest police station. 0800 150 150**




**365 DAYS OF ACTIVISM for no violence against women and children.**

**Singabakwa Dizindaba sithi phantsi ngempatho gadala ngakumanina, ababantu badala kunye nabantwana!!!**

# Dizindaba Sports Ezemidlalo

ZIDLE NGESIXHOSA SAKHO

Issue 348

15 kuCanzibe (May) 2025 - 28 kuCanzibe (May) 2025


**"To all football, netball, athletics, cricket, rugby, and other sports clubs: send your league fixtures and photos of your teams via our WhatsApp: 0712123675 / 0842639105 and we will publish them for free!"**


P.O Box 118 GOODWOOD, 7459 - Tel: 0712123675 / 0783282168 / 084 2639105 - Email: anetta@dizindaba.co.za / dizindabanewspaper@gmail.com




# AMAQELA EBOLA ADLALA KWISASOL LEAGUE

*Intatheli: Anele Raziya*



**MPUMA KOLONI**

Amaqela aseMpuma Koloni adlala kwiSasol league asaqhubeka namalunguselelo esizini yawo entsha nangona engekayazi ukuba iza kuqala nini.

Ngokwengxelo, isizini yeSasol league ka2025 kwakumele ukuba iqale ekupheleni kukaMatshi kulo nyaka, kodwa yaye yamiswa imidlalo imiselwa umhla wesithoba (9) kwinyanga April.

Isizathu sokumiswa kwale midlalo silandela isikhalazo esafakwa ngamaqela adlala kweli nqanaba le Sasol league nalapho ayekhalaza esithi khange ahlawulwe iinyanga ezithile imali yawo yesibonelelo (grant money) ngumbutho webhola ekhatywayo weli, iSouth African Football Association, iSAFA ngafumafutshane.

Esinye isikhalazo athi lamaqela awakafumani nalo mabhaso wawo athi awaphumelela kwisizini edlulileyo.

Iyonke lomicelimngeni ibangela ukuba kubenzima kuwo amaqela weSasol leagur ukuba aqale isizini kungekho sisombululo kwezingxaki ajongene nazo.

Amanye amaqela avakalise ukuba kunzima nokuba aqashe iimoto ukuba zikhwelise aabadlali emabaleni ngenxa yokuba awanamali kwaye enze namatyala kwisizini ephelileyo.

Kangangokuba ngoku alinde iSAFA ibhatale imali yesibonelelo kuwo zizokutsho izinto zibuyele esiqhelweni emidlalweni.

Kumyalezo omfutshane (msg) owabhalwa yiSAFA kwiveki ezimbalwa ezidlulileyo iwuthumela kumaqela, uchaza ukuba imidlalo yeSasol league yesizini entsha isamisiwe kude kufumaneke isisombululo kule micelimngeni iphakanyiswe ngamaqela weli nqanaba.

Nangona kunjalo amaqela afana neExecutive Ladies yaseNtabankulu kwingingqi yaseAlfred Nzo, Ayakha Stars FC eMthatha, Eastern Cape Peace Lovers FC yaseNgcobo kunye neThunderbirds Ladies yaseGcuwa namanye awemanga asaqhuba nakulungiselela isizini entsha.

Okwangoku akukabikho lizwi eliphuma kwiSAFA elichazayo ukuba lebhola yamanina iza kuqalisa nini ukudlalwa. Nakumanye amaphondo kuyavakala ukuba imidlalo isamisiwe ngenxa yezikhalazo ezifanayo ezichazwe ngamaqela adlala kwiSasol league.

Amaqela adlala kwiSasol league sele ezigcina ngokumane ethatha inxaxheba kwitumente zasekuhlaleni ukugcina abadlali bedlala kunokuba bahlale nje bengenzinto belindile.

# LOCAL SPORTS









# IBUYILE IMIDLALO YEMNQUMA LFA

*Intatheli: Anele Raziya*

**MNQUMA**

Iphinde yabuya imidlalo yeMnquma Local Football Association (Mnquma LFA) eGcuwa emva kokuba ibikhe yamiswa iveki ezimbalwa ebutsheni balo nyaka. Enye yengxaki ebibangela ukumiswa kwale midlalo yeMnquma promotion league U/21 ibingamaqela ebesoloko engazimasi imidlalo yawo ngaphandle kwezizathu ezibambekayo.
Lo nto iye yabangela ukuba amaqela amaninzi kwi-Mnquma LFA azibhaqe sele efumana amanqaku amathathu (soft points) ngaphandle kowasebenzela ebaleni. IMnquma LFA kuye kwanyanzeleka ukuba ikhinqe lomaqela azip hithe ngendlela engafanelekanga kwileague emva koko kwaphinda kwaqhutywa neemidlalo ngempelaveki esiphuma kuyo.


**Ibali liyaqhubeka kwi Website yethu: www.dizindaba.co.za**







## BETWAY PREMIERSHIP FIXTURES

| DATE | TEAMS PLAYING |
|---|---|
| 17 May 2025 | Mamelodi Sundowns vs Magesi FC at Loftus Versveld Stadium, PTA - 15h00 |
| 17 May 2025 | Marumo Gallants vs Chippa United at Dr Molemela Stadium, Bloemfontein - 15h00 |
| 17 May 2025 | Orlando Pirates vs TS Galaxy at Orlando Stadium, Soweto - 15h00 |
| 17 May 2025 | Polokwane City vs Cape Town City at Old Peter Mokaba Stadium - Polokwane - 15h00 |
| 17 May 2025 | Stellenbosch FC vs SuperSport United at Danie Craven Stadium - Stellenbosch - 15h00 |
| 17 May 2025 | Sekhukhune United vs Kaizer Chiefs at Peter Mokaba Stadium, Polokwane - 15h00 |